




URhulumente  
weNtshona Koloni  
**NGOWAKHO**

UkuHlalisa koLuntu



## INKQUBO EYANDISIWEYO YEZINDLU ZABANTU (EPHP)





1 OKUFUMANAYO

Ngolu Ncedo ungadlala indima ebonakalayo ekwakhiweni kwendlu yakho liqela lihlanganisiweyoctive elihlanganisiweyo.

Ungafaneleka kule nkqubo ukuba:

- Unqwenela ukuthathinxaxheba kwiprojekthi yezindlu eqhutywa luluntu
- Uyakwazi ukulungiselela nokuhlanganisa njengeqela.
- Ingaba sowuyinxenye yeqela elilungiselelwego.
- Ingaba uyinxalenye yeqela elilungiselelwego lokuqoqosha.



2 OKUDINGAYO UKUZE UFANELEKE

Ulufanele olu ncedo Iwenkxaso wakuba:

- Ubhalisiwe kwimbango yeenkcukacha zezindlu ezikumasipala wakho okufuphi kuwe.
- Ungummi waseMzantsi Afrika okanye unempepha-mvume ezikuvumayo njengo- Mhlali osisigxina.
- Uneminyaka eli18 nangaphezulu.
- Utshatile okanye uhlala neqabane.
- Akutshatanga okanye wahlukene nomtshato kwaye unabantu abavunyiweyo ukuba baxhomekeke kuwe ngokwasemalini yaye bahlala nawe isigxina.
- Umvuzo wekhaya lakho ngenyanga ungama R3 500 okanye unganeno ngaphambi kokuba kutsalwe.
- Wena neqabane lakho aningobanini-propati bakutshanje okanye bexesha elidlulileyo.
- wena neqabane lakho anizange nafumana Ncedo Iwankxaso kaRhulumente nangaphambili.

Nceda qaphela ukuba ukubekwa phambili kuza kunikwa abo bafaki-zicelo baneminyaka engama-35 nangaphezulu, okanye nabanezidingo ezizodwa (umzkl abantu abakhubazekileyo)



3 USIFAKA NJANI ISICELLO

Izicelo zolu ncedo Iwenkxaso zenziwa ngokusekelwe kwiprojekthi zivela kumasipala wakho. Uza kudinga ukuba useke iqela elivelu kuluntu Iwakho kwaye uhambele umasipala ukuze ufake isicelo solu ncedo Iwenkxaso.